



Vuk'uzenzele

Iziswa yiNkonzo yezoNxibelelwano neNkqubo yoLwazi kaRhulumente (GCIS) isiXhosa/English EyoKwindla 2016 Ushicilelo I



Isikolo esitsha sabantwana abanesifo se-Autism
Iphepha 7



Inkxaso yolutsha olusemaphandleni
Iphepha 8

INEZITHUBA ZEMISEBENZI

Sisonke masiqhubele uMzantsi Afrika Phambili



UMongameli uJacob Zuma ukhuthaze abemi baseMzantsi Afrika ukuba basebenzisane ukunceda ukuqhubela ilizwe phambili.

Chris Bathembu no-Amukelani Chauke

UMongameli uJacob Zuma wenze isiphakamiso eqinisekisa abemi baseMzantsi Afrika, abaxhalabileyo malunga neemeko zoqoqosho ezingathandekiyo, ukuba bangalahli ithemba, kodwa endaweni yoko kufuneka baba mbisane ukuguqula le meko.

KwiNtetho yakhe engoBume beSizwe kwinyanga ephelileyo, eyayibukelwe zizigidi

zabantu, uMongameli uZuma waqaqambisa ukuba iimeko ezinzima zoqoqosho lwasekhaya nolwehlabathi kufuneka zisikhuthaze “ukuba siziphinda-phinde iinzame zethu, sisebenze kunye kuwo onke amacandelo”.

“Sibambe iintlanganiso ezibe neziphumo ezincumisayo nabezoshishino, kuquka intlanganiso yenqanaba eliphezulu namaGosa aziiNtloko zeZigqeba (ii-CEO) ... sizivile iingcebiso ezivela kwabezoshishino

zokuba singenza njani ukuguqula le meko size sibuyisele ezoqoqosho kwindlela eya ekuhlumeni kwakhona,” utshilo uMongameli uZuma.

Ubhengeze ukuba urhulumente uqulunqa ilinge leZiko eliNako Konke/Invest SA” ukuphawula ukuba uMzantsi Afrika uvuliwe ngokwenene uvulelwe ezoshishino. Urhulumente uza kukhawulezisa ukuqalisa kwezi nkonzo, usebenzisana namashishini abucala.

UKUDODOBALA KOQOQOSHO LWEHLABATHI

UMongameli uZuma ukhumbuze abemi baseMzantsi Afrika ukuba eli lizwe, njengamazwe amaninzi anoqoqosho olusakhulayo, lichatshazelwe kukudodobala koqoqosho lwehlabathi.

“Ingxaki esijongene nayo ngoku yeyokuba uhlumo loqoqosho lwehlabathi lumi ngxi. Iimarike zezimali azizinzanga. Imali ezisetyenziswayo ngamazwe asakhulayo azinaxabiso liphucukileyo futhi namandla azo ehla enyuka.”

“Ngenxa yokuba uqoqosho lweli lizwe xa luthlekiswa nolwalamanye amzwe luncinci kwaye luvulelekile, kwaye luyachatshazelwa kuko konke okwenzekayo. Uqoqosho lweli lizwe luchatshazelwa zingxaki zalapha ekhaya ezifana nokucinywa kunkinkishwa umbane kunye nobudlelwane phakathi kwabaqeshi nabasebenzi obuthi ngamanye amaxesha bungazinzi,” utshilo.

Uqoqosho lwaseMzantsi Afrika luchatshazelwa zingxaki zalapha ekhaya ezifana nokucinywa kunkinkishwa umbane kunye nobudlelwane phakathi kwabaqeshi nabasebenzi obuthi ngamanye amaxesha bungazinzi.

INGxowamali yeHlabathi yeziMali (i-IMF) kunye neBhanki yeHlabathi ziqikelela ukuba uqoqosho lwaseMzantsi Afrika luza kukhula ngaphantsi kwe-1% kulo nyaka. Iimeko

kunye neziphumo zokuhluma koqoqosho ezisezantsi zibonakalisa ukuba imali yerhafu eza kuqokelelwa iza kuba sezantsi kunokuba bekulindelwe.

UMongameli uvumile ukuba uMzantsi Afrika ukhangeleka usemngciphekweni wokuthotywa zi-arhente zokuhlela kwizinga obekwa kulo ngokotalomali.

“Ukuba oko kuyenzeka, kuza kubiza imali eninzi kakhulu ukuboleka imali kumazwe aphehlaya ukuze sikwazi ukuhlawulela iinkqubo zethu zokwakha ubomi obungcono kubantu bonke, ingakumbi abahluphekayo.”

“Inkampani yakwa-Eskom, nangona inemingeni, isakwazi ukugcina ezoqoqosho ziqhubela phambili kubo bonke obo bunzima. Amaziko ethu ophuhliso lwezimali afana neQumrhu loPhuhliso lwamaShishini (i-IDC), iBanki yo-Phuhliso yaseMzantsi e-Afrika kunye namanye abonelela ngemali yeziseko eziluncedo nophuhliso, amashishini ahlukileyo kunye noshishino ngezolimi ngaphandle kokusilela, nditsho nasemva kweli xesha lobunzima kwezizimali ehlabathini.”

Ukhuthaze abemi baseMzantsi Afrika ukuba balisebenzise ngokwakhayo eli thuba lamandla emali asezantsi kwakunye notshintsho kwimimiselo ye-visa, ukuba bakhulise inani labakhenkethi abangena eMzantsi Afrika. Umbutho wezoKhenketho lwaseMzantsi Afrika uza kutyala imali ezizigidi ezili-100 ngonyaka ukuxhasa ukhenketho lwangaphakathi, ukhuthaza abemi baseMzantsi Afrika ukuba bakhenketho ilizwe labo, utshilo.

> **Liqhubeka kwiphepha lesi-2**

SA urged to register to vote

South Africans have been encouraged to register to vote in the upcoming local government elections.

The first registration weekend will be on 5 and 6 March. President Jacob Zuma announced during the State of the Nation Address, in Parliament, that the local government elections will be held within three months



after 18 May, the date of the last local government elections.

“We urge the youth, in particular those who are turning 18 this year, to register in their numbers for this first ever opportunity to cast their votes,” said President Zuma.

FINDING YOUR CORRECT VOTING STATION

All eligible voters (South African citizens aged 18 or older) should ensure they are registered in the correct

voting district where they ordinarily live. Voters who are already registered can SMS their ID number to 32810 (cost R1) to receive confirmation of their voter registration details including the name of their voting station.

Voters need to take with them their green barcoded ID book, smart ID card or a valid temporary ID certificate to the voting station. No other forms of ID are accepted for voter registration.

It’s important for voters to vote where they live.

Register to vote in the 2016 Municipal Elections on 5 and 6 March 2016. All voting stations will open from 8am to 5pm over the weekend of Saturday 5 March and Sunday 6 March.

There are a number of ways voters can find their correct voting station:

- Call the Electoral Commission Contact Centre on 0800 11 8000 between 7am and 9pm weekdays.
- Use the voting station finder app on the IEC website at www.elections.org.za
- Dial *120*IEC# (*120*432#)



Uphuhliso lokwakhiwa kwezindlu olwaziwa njenge-Fleurhof Development lolunye lwezona ndawo zinkulu zokuhlalisa abantu ngokuhlengeneyo eGauteng.

Ubukho be-Wi-Fi simahla kuyanda kwisixeko ngokubanzi. Ngaphezulu kwezakhiwo ezili-100 ezizezesixeko saseRhawutini sele ziqhagamshelwe kwaye ziziza ezingama-370 ze-Wi-Fi esele zisebenza. Umnatha woqhagamshelwano kungasetyenziswa ziingcingo sele wazisiwe eBraamfontein, uvumela abantu ukuba bakwazi ukuqhagamshelana ngokusebenzisa i-Wi-Fi esimahla kwikhompyutha zabo eziphathwayo, iiselula ezibizwa ngokuthi zii-tablet kunye neeselula ezinako ukusebenzisa i-Wi-Fi ukuze zikwazi ukukopha zide zifikelele kwi-1GB ngenyanga simahla. Amathala eencwadi angama-35 eRhawutini aqhagamshelwe kunxibelelwano lwamaza ngokubanzi kwaye angama-52 aza kulandela phakathi kowama-2016. Amaza abanzi akhawulezayo nasimahla aza kwenza ukuba abemi baseRhawutini bakwazi ukufikelela kwikhompyutha ezivulelekileyo zeedyunivesithi kangangoko apho banganakho ukufunda baze bafumane iziqinisekiso kumaziko avunyiweyo ngamazwe ngamazwe.

UKUVULELA EZOBUGCISA

Ngephulo/NgeNkqubo ebizwa ngokuthi #Hack.Jozi Challenge isixeko sitsale abahlali

kunye noosomashishini abasakhasayo abaqalisa kwaye bangenise izinto ezintsha nabathe beza neengcinga ezikrelekrele zeemveliso zeekhompyutha eziza kunceda ukusombulula iingxaki kuluntu abahlala kulo. Isixamali esizizigidi ezi-R5 sibekelwe bucala ukuxhasa amashishini ekhompyutha asaqalayo kwiNkqubo ebizwa ngokuthi siSixeko esiPhucukileyo.

Kujongwe ugxalathelwano lwabantu abeza ezixekweni, kuya kusanda ukuqondisa ukuba izisombululo zexesha elizayo zemiba engxamisekileyo abantu abajongene nayo ziza kufunyanwa ezidolophini kwaye ziza kukhokelwa ziinkokeli zikarhulumente wasekhaya. Ezinye izixeko ziya zijonga kakhulu ngakumazantsi, kwizixeko ezifana nesaseRhawutini, ukuze zivuseleleke kwaye zenze iinguqulelo.

Le yindima isixeko saseRhawutini, njengesixeko sase-Afrika esilangazelela ngebhongo nesikumgangatho wehlabathi, esinentumekelelo yokuyidlala

IIPROJEKTHI EZINKULU KAKHULU ZOKWAKHA IZINDLU

Isixeko sijonge phambili kwaye asijiki ekufikeleleni kwesijolise kuko okukukuzisa izindlu ezingama-95 000 ngowama-2019.

Iiprojekthi ezinkulu kakhulu zokwakha izindlu eziza nefuthe lenguqu ekukhuleni kwesixeko mhlawumbi ezinye zazo zisendleleni okanye zikwinqanaba lezicwangciso. Isixamali esizizigidi ezingama-R657 sabekelwa bucala sibekelwa iiprojekthi zokwakha izindlu kunyakamali wama-2015/16 – sixamali eso phantse siphindwe kabini kunesabelo sexesha elidlulileyo. Esi sixamali siza kunyuswa siye kuthi ga kwizizigidi ezingama-R932 kunyakamali ozayo.

Ezi projekthi zinkulu kakhulu zokwakha izindlu ziza kubonelela ngamathuba okuxinaniswa, uphuhliso olusebenzisa iintlobo zezothutho ezixubileyo, ukudibanisa amathuba oqoqosho neendawo zokuhlala.

Olu phuhliso lwahlulwe lwayimimandla esixhenxe yophuhliso edibanisa iintlobo zezothutho ezahlukeyo, enatyselwe kuso sonke isixeko ngokubanzi ukususela kumbono wokwakhiwa kweendawo kunye nesicwangciso ngokwenkqubo ebizwa ngokuthi Inguqu, uKwenza ezala maXesha kunye nokuRhweba Kwakhona.

Le mimandla yophuhliso isixhenxe edibanisa imizila eyohlukileyo yile ilandelayo:

- Ummandla wophuhliso woku-1 owaziwa njengeSixeko saseLanseria esikwinoxaleny esemantla yesixeko. Kuza kubakho iiprojekthi ezinkulu eLion Park, e-Diepsloot East nase-Riverside View, Ext 28. Le projekthi iza kuzisa izindlu ezingama-46 500 ize isebenze njengekhonko lokuqhagamshelana phakathi kwesixeko saseRhawutini, iTshwane kunye noMasipala weSithili saseNtshona Randi.
- Ummandla wophuhliso we-2 usemntla ntshona wesixeko saseRhawutini. Iiprojekthi eziqhubayo ziquka i-Cosmo City nophuhliso lweMalibongwe Ridge, eyabelwe izigidi ezingama-R88 ngaphezulu kuhlahlo-lwabiwo-mali lwalo nyakamali. Uphuhliso lwase-Zandspruit e-Honeydew luza kuqalisa nje ukuba imiqobo yokusingqongileyo eyemigxobhozo ithe yason-

jululwa.

- Ummandla wophuhliso we-3 emazantsi esixeko saseRhawutini uza kubonakalisa uphuhliso oluza kuqhubela phambili izicwangciso zesixeko zengxinano. Iiprojekthi ezise-South Hills nase-Kliptown-Nancefield sele ziqhuba kwaye i-Southern Farms ne-Ennerdale Ext 19 ziza kulandela kwakamsinyane. Zidibene, le projekthi iza kuzisa ngaphezulu kwezindlu ezingama-68 000.
- Ummandla wophuhliso we-4 ugqale kwiMizila yeNkululeko kunye nokuvuselela umphakathi weSixeko saseRhawutini. Oku kukwinqanaba nje eliphambi kwelokucwangcisa kodwa ekugqibeleni kuza kubonelela ngezindlu ezingama-50 000.
- Ummandla wophuhliso we-5 waziwa njenge-New City 2 kwaye ukuqa ngokubanzi i-Alexandra kunye ne-Modderfontein, udibanisa impuma yesixeko kunye ne-Ekurhuleni. Ukwakhiwa kwezindlu ezintsha e-Rabie Ridge, eMarlboro kwakunye nezindlu ezithengwe ngemali-mboleko ebhankini zikwinqanaba lokucwangciswa
- Ummandla wophuhliso we-6 uhlanganisa isixeko saseRhawutini kunye neSedibeng kunye neNtshona Rand ukwenza i-New City 3. Izindlu ezingama-24 000 ziphelele ziyakhiwa eLuthereng kwaye ukwakhiwa kwezindlu ekujongwe kuko liphondo laseGauteng e-Syferfontein kuza kubona ukuziswa kwezindlu ezingama-60 000. Imiba ephathelele nelitye eliyi-dolomite kunye nokulahlwa kwamanzi asemigodini yimiba eshukuxwayo ngoku.
- Ummandla wophuhliso we-7 useFleurhof. INqanaba loku-1 kunye nele-2 sele eqalisiwe omabini kwaye aza kuzisa izindlu ezingama-18 200 lo gama izicwangciso zexesha elizayo zeGoudrand Ext 4 zisaphandwa.

Umthombo: City of Joburg.

Ukuphuculwa kwendlela eLephalale

Iiprojekthi exabisa izigidi ngezigidi zeerandi yokuphucula indlela iza kuba yinzuzo kumawaka-waka abahlali baseLephalale, eLimpopo.

Le projekthi, eyasungulwa nguSodolophu uJack Maeko kweyoMnga kunyaka ophelileyo, iza kuphucula ukufikelela kwizithuthi kunye neendlela ezintle kwiilali ezili-13, ivumele abahlali ukuba bahambe ngokukhululekileyo nangokuhuselekileyo kule ndawo nemimandla ebangqongileyo.

Inkampani yamalahlale i-Exxaro Grootegeluk kunye ne-Arhente yeNdelela yaseLimpopo (RAL) zinikezele isiniki-maxabiso sokuyila iindlela zaseGa-Seleka kwinkampani i-Aurecon South Africa (Pty) Ltd.

Amalungu oluntu ahlala eSefithlogo nakwimimandla eyingqongileyo, iMorwe, Botshabelo, Moong, Segale, Botsalanag, Kopanong, Kgobagodimo naseLetlora aza kuzuzwa ekuphuculweni kwendlela iRietfontein (D3102 noD3114). Ukuphuculwa kwendlela engunombolo D3109 kuza kuba yinzuzo kubahlali baseKiti, Motsweding, Dipompong naseMokuruanyane.

Esenza eyona ntetho iphambili kumsitho wokutyikitywa kwesivumelwano, uSodolophu uMaeko wabulela i-Arhente yeNdelela yaseLimpopo kunye nenkampani i-Exxaro ngegalelo lazo kuphuhliso lweziseko eziluncedo nezingundoqo.

“URhulumente ufuna icandelo lezoshishino lwabucala lenze ezona zinto zingumdlawoluntu. Yonke into ingenzeka xa sisebenza sonke.”

“Le projekthi yendlela iza kudala amathuba emisebenzi amininzi kwaye idambise intlupheko,” utshilo uSodolophu uMaeko.

Ukhuthaze ooceba kunye neenkokeli zoluntu ukuba zinxibelelanengokuphathelwe kwinkqubela nabantu ababavoteleyo. Umlawuli weQela kwinkampani yakwa-



USodolophu kaMasipala waseLephalale uJack Maeko (kude ngasekunene) enxibelelana namalungu oluntu kwiziko lolwazi elitsha eMarapong.

Exxaro ojongene noPhuhliso loLuntu, uRamesh Chagan, uthe inkampani yakwa-Exxaro izinikele ekubeni yenze konke kwenzeke.

“Indlela iza kuvumela ukuhamba ngokukhululekileyo kwabantu kwaye ikhokelele ekudaleni amathuba ezoqoqosho aliqela. Sihleli sizinikele ekwenzeni igalelo elinentsingiselo kuluntu lwaseLephalale ukuqinisekisa ukuba siyishiya le ndawo ikwimeko engcono kakhulu kunendlela esayifumana iyiyo,” utshilo uChagan.

IGosa eliyiNtloko yeSigqeba le-Arhente yeNdelela yaseLimpopo (RAL), uPetros Matji, uncome iqela leprojekthi ngokuyikhawulezisa le nkqubo ukuqinisekisa ukuba kukho inkqubela ebonakalayo kwiprojekthi.

“Ukuqinisekisa ukugqithiselwa kwezakhono kunye nokuxhotyiswa

koosomashishini abancinane nabasakhasayo (SMME), inkampani i-Aurecon iza kusebenzisana kakhulu nenkampani yakwa-Exxaro, i-Arhente yeNdelela yaseLimpopo kunye noMasipala waseKhaya iLephalale ngexesha lenqanaba lokuyila,” utshilo uMatji.

Ukongeza koku, iindlela ezomeleleyo zemisebenzi ziza kusetyenziswa ngexesha lokwakhiwa kwaye oku kuza kuba yinzuzo kumalungu oluntu amaninzi angaphangeliyo, ingakumbi ulutsha oluphuma kwiilali ezingqongileyo.

UKUBUYELA KUNDALASHE

Njengenxalenye yephulo elibizwa UkuBuyela kuNdalashe, uSodolophu uMaeko uvule ngokusesikweni iziko lolwazi eMarapong kutshanje. Kubulelwa eli ziko kuba ngenxa yalo amalungu

oluntu awasahambi imigama emide ukuya kufaka iisivi zabo kuvimba weenkukacha wakwamasipala.

“UMasipala uthathe uxanduva lokuqinisekisa ukuba kulo lonke uphuhliso lwezoqoqosho olungqongileyo lo mmandla, uluntu lwasekahlaleni lubekwa kwindawo ephambili xa kufikelela kwingqesho,” utshilo uSodolophu uMaeko.

Kuqeshwe amagosa onxibelelwano amabini ukuze ancede alawule eli ziko lolwazi.

Inkqubo yokuBuyela kuNdalashe, eyasungulwa nguMongameli uJacob Zuma kweyoMsintsi wama-2014, ijolise ekuqinisekiseni ukuba oomasipala bakhonza uluntu ngcono ngokuthi balubonelele ngokufikelela kakuhle kwiinkonzo ezisisiseko.

URHULUMENTE WASEKHAYA

IRhawuti – isixeko esinguvulindlela



Kukho iiprojekthi ezinkulu kakhulu nezininzi zokwakhiwa kwezindlu ezisendleleni okanye ezisekwinqanaba lokucwangciswa eRhawutini.

Isixeko saseRhawutini siyaqhubeka ukukhokela njengesixeko esinguvulindlela eMzantsi Afrika, esinoqikelelo oluhle kwezoqoqosho ekuqaleni kowama-2016. Nangona kukho imingeni kwezoqoqosho, ukunyuka kwenzala kunye nexabiso lemali elehla lisenyuka, iSixeko saseRhawutini siphuma phambili njengomzekelo wozinzo kunye nolawulo lwemali ngonono.

SITSALA UMDLA WOTYALOMALI

Mimbali yesixeko yokuba negama elihle njengendawo etsala umdla wotyalomali yomelezwe kutshanje sisigqibo se-arhente yehlabathi, iFitch Ratings, ukuphucula kunye nokuqinisekisa umgangatho wesixeko wexesha elide wesixeko.

Le arhente yancoma isixeko "ngendlela esiqhuba ngayo kwezohlalho-lwabiwomali olusebenza kakuhle" xa silinganiswa sithelekiswa nemigangatho yamazwe ngamazwe. Yaqaqambisa inqaku lokuba isixeko saseRhawutini sesona sixeko sikhulu nesifumileyo kweli lizwe kwakunye nokuba likhaya kwawona maziko makhulu emali kunye nokuba ngundlunkulu kwinkampani zabucala ezininzi. Le ngxelo ibalula ngokukodwa amandla esixeko okuqokelela imali kubarhafi kunye nokubonelela abarhafi abangabanini bomhlaba ngeenkonzo ezinexabiso ngemali kunye nerhafu abayihlawulayo.

AbakwaFitch baqaphele ukuba, nangona kukho ukwehla kuqoqosho lwesizwe, utyalomali oluxabisa R10 bhiliyoni kwiziseko eziluncedo nezingundoqo kwiminyaka eli-10 luza kuxhasa uqoqosho lwesi sixeko oluqhuba kakuhle. Oku kuza kukhokelela ekuhlumeni komyinge weMali eQokelelwe kwiRhafu iYonke (GDP) ngeepesenti ezimbini ukuya kwezintathu kwixesha laphakathi enyakeni size isiphumo soko sibe kukwanda kwemali yerhafu ehlawuliweyo xa itshatiswa nenani labemi elikhula kancinane.

Kubatyalomali behlabathi, oku kubonisa ukuba isixeko saseRhawutini yindawo ekhuselekileyo nenamandla okuzisa utyalomali olunenzuzo. Kubahlali, abahlawuli berhafu yobunini mhlaba kunye necandelo lezoshishino, oku kuthumela imiyalezo eyakhayo yokuba imigaqo-nkqubo esetyenziswa sisixeko ilungile kwaye iinkokeli zingathenjwa ukuba ziqhubeke kule ndlela zihamba ngayo ngoku.

Oku kufanele kube nesiphumo sotyalomali olungaphezulu, oluza kukhokelela kuhlumo loqoqosho, ukudalwa kwemisebenzi kunye namathuba ongezelekileyo okuphucula iziseko eziluncedo nezingundoqo kunye nomgangatho wokuziswa kweenkonzo esixekweni.

Kutshanje, isixeko sifumene uchungechunge lwembasa ebizwa ngokuthi C40 Cities Award 2015 ngelinge laso elibizwa ngokuthi Green Bond eParis. Eli linga liyiGreen Bond ekwabhalisa kulo abantu abaninzi kakhulu, sele lenze imali engange-R1.458 yeebhiliyoni kunyakamali ophelileyo kwaye le mali ityalwe kwiiprojekthi eziliqela ngeenzame zokwenza isixeko sibe yindawo enezityalo nemithi eluhlaza.

IZISEKO EZILUNCEDO NEZINGUNDOQO ZOKUPHULISA IMIZILA YENKULULEKO

Ngowama-2012/13, uSodolophu weSigqeba sesixeko saseRhawutini, uParks Tau, wabhengeza ukuba isixeko siza kutyala imali engaphezulu kwe-R100 bhiliyoni kwiminyaka elishumi kwiiprojekthi ezinkulu zeziseko eziluncedo nezingundoqo ezinxulumene neMizila yeNkululeko. IMizila yeNkululeko luphuhliso olujolise kwezothutho oluza kwenza isixeko



Isixeko saseRhawutini yaba sisixeko sokuqala ukusungula inkqubo yeeBhasi eziQuqa ziBuyelela. Inkqubo ebizwa ngokuthi ReaVaya iyiphucule indlela abantu abahamba ngayo ukuya kwindawo ezohlukileyo.

saseRhawutini sidlule ngokugqwesileyo kwizicwangciso zokwakha iidolophu zexesha lengcinezelo ngokuzisa izikolo, iinkonzo, amathuba emisebenzi kunye nezinye iinzuzo kufutshane kumakhaya abantu, ingakumbi abo bahlala kude nesixeko.

Eyona njongo yokwenziwa kweMizila yeNkululeko kukuguqula izicwangciso zeendawo zokuhlala zexesha lengcinezelo, ukudala isixeko esimanyeneyo kunye nokuphucula ukufikelela koluntu kwezoqoqosho kunye namathuba emisebenzi.

Kuninzi okwenziweyo ukuphuhlisa iRotunda Precinct eTurffontein, uMzila i-Empire-Perth, iLouis Botha Avenue kunye noMzila waseSoweto ekujikeleni kweMooki Drive, kuquka ukuphuculwa kwesikhululo sikaloliwe iNancefield.

UKUXHOBISA ULUTSHA

Isixeko saseRhawutini senza imitsi kwiinzame zaso zokuzisa ulutsha kuqoqosho olwamkelekileyo noluhlekileyo ngenkqubo zobugcisa ezifana neJozi@work kunye noVulindlel' eJozi.

Isixeko siqalise inkqubo yophuhliso exabisa i-R3 bhiliyoni, ebizwa ngokuthi Jozi@Work, engumfuziselo wemveliso ngentsebenziswano eyilelwe umasipala ukuze asebenzisane noluntu ukomeleza ukuziswa kweenkonzo zikamasipala kuluntu.

Le projekthi inconywe kwingxelo yophando yamazwe ngamazwe kutshanje ngempumelelo yayo yokulungelelanisa nokulawula amandla olutsha ukuze luqhuba uhlu loqoqosho oluzinzileyo.

Oku kufunyanisiweyo kuqulethwe kwingxelo esihloko sithi "Ukukhawulezisa Iindlela: Isalathiso soBuchule sowama-2015 sezoQoqosho loLutsha." Ushicilelo lwezoshishino oLuhlonitshwayo olusihloko sithi: The Economist lwayalelwa nguMbutsho weSixeko ukuba luqhuba uphando kwiziseko ezingama-35 kulo lonke ihlabathi kuquka esaseSydney, London, Madrid, Moscow, Mexico City, Hong Kong kunye neMiami.

USodolophu uParks Tau ukuchaza oku kunakanwa kwesixeko "njengophuhliso olwamkelekileyo".

"Isixeko saseRhawutini siyayiqonda imfuneko yeenguqu ezibalulekileyo kwezemfundo, uqoqosho loosomashishini abasakhulayo, uphuhliso lwezakhono kunye noqeqesho lwabantu abatsha kwezi meko zigqubayo zoqoqosho," wongeze ngelitshoyi.

Le ngxelo ithi "umgaqo-nkqubo akufuneki ubandakanye iindleko eziphakamileyo," Ubhekiselele kwinkqubo ebizwa ngokuthi Jozi@Work "njengelinga elineenguqulelo eziphakamileyo" esithi ngazo isixeko saseRhawutini "sizame ukushukuxa imiba yasedolophini eliqela ngaxeshanye."

Isekwancoma isixeko saseRhawutini kuba senze uphuhliso lolutsha olunye

Iwemiba ephambili ngenxa yezoqoqosho olucacileyo kunye nemfuneko yenkqubela yoluntu, eguqula isizukulwana esaziwa ngokuthi "yibhombu encincizayo ekulindlele ukuba ingaqhushumba nanini na" sibe sisizukulwana esinamathuba empumelelo.

Ngenkqubo ebizwa ngokuthi Vulindlel' eJozi isixeko sizinikele ukudala imisebenzi yolutsha emitsha engama-200 000 kwaye sisebenzisana necandelo loshishino labucala ukuze silibonelele ngamaqithiqithi xa luqesha ulutsha.

Isixeko saseRhawutini siseke unxibelelwano lwabacebisi bolutsha kwinqanaba loluntu ukuze bafikelele kulutsha, baphulaphule imiba ebaxhalabisayo baze baqalise ukushukuxa iimfuno zabo kwimiba efana nezemfundo, ukuqeqeshelwa imisebenzi kunye nengqesho.

USodolophu uTau uthi isixeko saseRhawutini sisixeko "apho ulutsha lukhokela ikhwelo lenuqu, lubanga amathuba emisebenzi, ukuze luphucule ubomi balo kwaye lube ngabona bantu banqwenela ukuba ngabo".

ISIXEKO ESIPHUCUKILEYO SIVULA IHLABATHI ELITSHA

Ubuchwepheshe obuphucukileyo buyanda ekuguquleni ubomi babahlali baseRhawutini njengokuba ukunatyiswa kweziseko eziluncedo nezingundoqo zekhompyutha sisixeko kuya kuthatha olunye unyawo.



Abanini zimoto abaninzi ngoku bamisa iimoto zabo kwisikhululo seReaVaya baze bakhwele ezibhasini ukuya kwiindawo ezahlukileyo zaseRhawutini.

Kwiinyanga ezintandathu ezizayo isixeko siza kuqhubeka ukwandisa ukufikelela kwi-Wi-Fi kwaye siza kwazisa ubuchwepheshe obutsha obuphucula unxibelelwano phakathi kwabahlali kwaye bunyuse nomgangatho wokuziswa kweenkonzo.

Ingqikelelo ethi "ISixeko esiPhucukileyo" eqaqanjiswe nguSodolophu uTau kwiNtetho yakhe engoBume beSixeko iyaqalisa ukubonakala. "Ukufikelela kwiikhompyutha kuza kufana nombona wokulingana kuluntu lwethu njengokufikelela emanzini kunye nombane," utshilo uSodolophu uTau.

Inkqubo yeSixeko esiPhucukileyo enguNdoqo sele iphumeze iziganeko eziliqela kwaye ukunatyiswa kwayo kuza kuqhuba kwisiqingatha sokugqibela salo nyakamali sikuwo.



Isixeko saseRhawutini sizinikele ekudaleni imisebenzi emitsha yolutsha engama-200 000 ngenkqubo ebizwa ngokuthi Vulindlel' eJozi.

EMINYE IMIBA GABALALA

Govt sets aside billions for new port facilities



Government is investing billions to new port facilities. In 2014 Operation Phakisa was launched and implemented in the ocean economy, health, education and mining sectors.

Janine Arcangeli

President Jacob Zuma said R7 billion has been committed to new port facilities.

This follows the adoption of a public-private partnership model for port infrastructure development by Transnet National Ports Authority.

Delivering his State of the Nation Address in Parliament last month, President Zuma said government was concerned that South Africa did not own vessels while the country is surrounded by about 3 000 kilometres of

coastline.

"Through the oceans economy segment of Operation Phakisa, we are trying to solve this challenge.

"I am pleased that two bulk carrier vessels have been registered in Port Elizabeth, and a third tanker in Cape Town under the South African flag," he said.

The Operation Phakisa Big Fast results methodology was launched in 2014 and implemented in the ocean economy, health, education and mining sectors.

Through Operation Phakisa, government aims to implement its policies and pro-

grammes better, faster and more effectively.

Another positive Operation Phakisa development has been the launch of a fuel storage facility in Cape Town, bringing an investment of R660 million.

"Aquaculture appears to be an important growth area within the oceans economy segment of Operation Phakisa. Close to R350 000 private sector investment has thus far been committed in the aquaculture sector.

"Nine aquaculture farms are already in production. These farms are located within the Eastern Cape, KwaZulu-Natal, Western Cape and Northern Cape," said the President.

Operation Phakisa is an adaptation of the Big Fast Results methodology that was first applied by the Malaysian Government, successfully, in the delivery of its economic transformation programme.

The operation addressed their national key priority areas such as, poverty, crime and unemployment.

It involves setting up clear targets and follows up with on-going monitoring processes which makes the results public.

Through this initiative, the Malaysian government was able to register impressive results within a short period.

> Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

INKQUBELA IYENZIWA

Ephefumla ngenkubela eyenziweyo kwiminyaka embalwa edlulileyo, uMongameli uZuma uthe inkampani karhulumente yezothutho i-Transnet yakhe imizila kaloliwe ebangele ukuba imigodi yeli lizwe ikwazi ukuhambisa impahla eninzi kakhulu isebenzisa amazibuko ukuze iswi kulo lonke ihlabathi jikelele.

I-Arhente yeeNdlalela yaseMzantsi Afrika (i-Sanral) yakhe ezinye zezona ndlela zintle eGauteng nakwezinye iindawo zelizwe.

I-Trans Caledon Tunnel Authority yakhe amadama anemithamo eyohlukileyo, into leyo yenze ukuba abemi boMzantsi Afrika bakwazi ukufumana amanzi acocekileyo okusela.

"Inkampani yakwa-Eskom, nangona inemingeni, isakwazi ukugcina ezoqoqosho ziqhubela phambili kubo bonke obo bunzima. Amaziko ethu ophuhliso lwezimali afana neQumrhu loPhuhliso lwamaShishini (i-IDC), iBanki yoPhuhliso yaseMazantsi e-Afrika kunye namanye abonelela ngemali yeziseko eziluncedo nophuhliso, amashishini ahlukileyo kunye noshishino ngezolimi ngaphandle kokusilela, nditsho nasemva kweli xesha lobunzima kwezimali ehlabathini," uphefumle watsho.

ISICWANGCISO ESIMANQAKU ALITHOBA

UMongameli uZuma uphefumle nangokwenzekayo malunga nesiCwangciso esiManqaku aliThoba awasibhengeza kunyaka ophelileyo, esithi phakathi kwezinye inkqubela yenziwe ukuzinzisa ukunikezelwa kombane.

Isicwangciso sijolise kuhlumo lwezozoqosho kunye nokudala imisebenzi efuneka kakhulu. Siqulethe, phakathi kwezinye, uhlaziyo lwezolimo nababandanyekayo kwishishini lokucola nokuhlela iimveliso zezolimo, ukuthaza amaphulo okuxhamlisa, ukuvulela amashishini amancinane amathuba kunye nokulungisa umngeni wamandla ombane.

UMongameli uZuma uthe urhulumente utyale imali ezibhiliyoni zeerandi ezingama-R83 kwa-Eskom, sixamali eso sikwazileyo ukwenza ukuba le nkampani iqhube notyalomali kwizikhululo zokuphehla umbane iMedupi neKusile, lo gama isaqhuba nenkqubo yokulungisa nokugcina izikhululo zisebenza kakuhle.

Iiyunithi ezongezelelekileyo ezivela kwisikhululo sokuphehla umbane i-Ingula ziza kuqhagamshelwa kowama-2017, nangona ezinye zazo ziza kufudunyezwa zilungiselelwa ukusebenza kulo nyaka.

Ukuvulelwa kwamathuba amaninzi okunika iziniki-maxabiso zeNkqubo yoMvelisi oziMeleyo waMandla oMbane oHlaziyekayo kwakhona kuzise utyalomali oluzibhiliyoni zeerandi ezili-194.

"Eli linge ngumzekelo obonakalayo wokuba urhulumente angasebenzisana njani namashishini abucala ukuza nezisombululo eziza kunceda kwiingxaki ezikhoyo ngoku

ilizwe elijongene nazo."

UMongameli uthe kulo nyaka urhulumente uza kukhetha iinkampani eziphumeleleyo ngethuba kuthelakiswa amaxabiso nezakho- no zeenkampani ezizimeleyo eziza kuvelisa amandla ombane ophehle ngamalahlle.

UMZANTSI AFRIKA WENZE INKQUBELA ENINZI

Ethetha kwinkqubo kamabonakude, i-*The New Age*, eKapa, ngosuku olusemva kweNtetho yakhe engoBume beSizwe, uMongameli uJacob Zuma uthe nangona sililizwe elilawulwa ngentando yesininzi elisakhulayo, mkhulu umsebenzi osele wenziwe nguMzantsi Afrika ekwakheni uqoqosho oluzinzileyo noluquka wonke umntu..

Wongeze ukuba lo gama kusekuninzi ekufuneka kwenziwe, wonelisekile ngumgama osele uhanjiwe leli lizwe.

"Ndikholelwa ukuba njengelizwe, xa kujongwe inani leminyaka sikhululekile kunye nemingeni esinayo, mkhulu umsebenzi esele siwenzile."

"Sizilwile iingxaki zezentlalo ezichaphazela ilizwe lethu kwaye siyidalile nemisebenzi kodwa ingxaki esinayo kukuba lo gama sidala imisebenzi silahlekelwa yeminye kwelinye icala," utshilo uMongameli.

UKOMELEZA UTALOMALI

Urhulumente, esebenzisa iSebe lezoRhwebo noShishino, wazisa izibonelelo ezininzi kule minyaka imbalwa idlulileyo

zokukhuthaza utyalomali kwicandelo lokuvelisa, ingakumbi kwicandelo lamalaphu, isikhumba kunye nelezithuthi. UMongameli uthe izibonelelo eziqaliswayo kwicandelo lezithuthi zitsale utyalomali oluzibhiliyoni ezingama-25 zeerandi kule minyaka mihlanu idlulileyo.

Sele kuqalisiwe ukwakiwa kweePaki zezoLimo, eziquka eseNtshona Randi eGauteng, eSpringbokpan eMntla Ntshona, eWitzenberg eNtshona Koloni, eNcora eMpuma Koloni kunye nase-Enkangala eMpumalanga.

UMongameli uthe urhulumente amaxesha amaninzi uthatha izigqibo ezinzima kwaye utyale imali kwimimandla eliqela ukuphucula umgangatho wobomi babemi bonke.

"Sisebenze nzima kakhulu ukutyala imali. Umzekelo, iziseko eziluncedo nezingundoqo ngomnye wemimandla apho inkqubela esiyenzileyo sililizwe ibonakala kakhulu. Sakha izikhululo zokuphehla umbane ezikhulu kakhulu ukuze sonelise iimfuno zoqoqosho kunye nezabantu."

"Sivelise isicwangciso sesizwe esamkelwe ngabo bonke abemi baseMzantsi AfrikaEzemfundo sizenze umba wokuqala ophambili kwaye isebe silohlule langamasebe amabini, eleMfundo esiSiseko neleMfundo ePhakamileyo, ukuze uninzi lwabemi baseMzantsi Afrika, ababengavumelekanga ukuba baxhamle ngaphambili, lube yinxalenye yoqoqosho," utshilo.